Sondela KuThixo Ngomthandazo (Inxalenye 2)

Isekelwe kwisahluko 17 sencwadi ethi, *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.

SIFANELE SITHANDAZE NJANI?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Banokuthini abanye abantu?

Yintoni oyikholelwayo *wena*?

Kutheni uyikholelwa loo nto?

www.jw.org/xh © 2017 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

2 HLOLA OKO KUFUNDISWA YIBHAYIBHILE

Sifanele sithandaze kuYehova uThixo ngayo nantoni na evisisana nokuthanda kwakhe ngonyana wakhe, uYesu Kristu.
(Funda isahluko 17 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile*, isiqendu 9-12.)

Funda uMateyu 6:9 noYohane 14:6.
Ezi vesi zibonisa njani ukuba sifanele sithandaze kuYehova kuphela egameni likaYesu?

Funda eyoku-1 Yohane 5:14.
Yiyiphi imizekelo yezinto ‘esinokuzicela ngokuvumelana nokuthanda kwakhe’? (Intluva: Funda uMateyu 6:9-13; amaKolose 4:12 noYakobi 1:5.)

Ngokwahlukileyo ebantwini abaninzi ababalulekileyo, uYehova akafuni senze dinga ngaphambi kokuba sithethe naye. Singathetha naye nanini na

www.jw.org/xh © 2017 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

Kufuneka sithandaze ngokuqhubekayo nangokunyanisekileyo.

(Funda isahluko 17 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile*, isiqendu 13-15.)

Funda uMateyu 26:41 neyoku-1 kwabaseTesalonika 5:17.

Ezi vesi zibonisa njani ukuba uYehova akabekanga miqathango ngokuphathelele ubude bomthandazo, kwanokuba sinokuthandaza kangaphi?

Funda eyoku-1 yeziKronike 16:36 neyoku-1 kwabaseKorinte 14:16.

Yintoni esimele siyithethe rhoqo ekupheleni komthandazo?

Ziziphi ezinye izinto onokuzithandazela kule veki?

www.jw.org/xh © 2017 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI…

Ungathandaza kuYesu nakwiingcwele.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Iicawa ezininzi zifundisa loo nto. Kodwa mna ndikholelwa ngokwahlukileyo kuba…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

UKUBA UMNTU UTHI…

Akufuneki uthandazele izinto ozifunayo.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Batsho abanye abantu. Kodwa ndikholelw' ekubeni iBhayibhile ifundisa okwahlukileyo kuba…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

www.jw.org/xh © 2017 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania